U-2021
UNyaka

woBunkokeli obuQhutywa ziiMfundiso eziSisiseko

Ukomeleza izikolo ezisebenzayo

1. Isikolo sinenqununu eqeshwe isigxina ekhokela iKomiti yoLawulo yeSikolo *(School Management Team) (SMT)* esebenza ngempumelelo.
2. Zonke izithuba zizalisiwe kunye/okanye kukho izicwangciso zokulungiselela okungekehli ngezithuba ezingenabantu.
3. Kukho umoya omhle esikolweni obonakaliswa phakathi kwezinye izinto, zezi zilandelayo, amasango esikolo esisebenzayo, akhuselekileyo nacocekileyo (iithoyilethi, iiklasi nendawo engqonge isikolo zicocekile).
4. Zimiselwe zonke iithayimtheyibhile, izicwangciso zonyaka nezekota eziyimfuneko, yaye kuhanjelwana mbo nazo yaye zibekwe esweni.
5. Ootitshala nabafundi bakhona yaye bafika ngexesha.
6. Zimiselwe izitraksha ezisebenzayo (umz, ikharityhulam, ezemidlalo nenkcubeko), yaye isitraksha ngasinye sinemisebenzi echaziweyo neenkqubo zokubeka esweni.
7. Imiselwe yaye kuhanjelwana mbo nayo imigaqo-nkqubo kunye neerekhodi (iirejista zabafundi nootitshala, imigaqo-nkqubo yokuziphatha yabafundi nootitshala, izicwangciso zokhuseleko, umgaqo-nkqubo weZixhobo eziXhasa ukuFunda nokuFundisa, njl. njl.).
8. Kuqapheleka ubudlelane obububo (kwi-*SMT*, kootitshala, kwibhunga lolawulo, nakubazali, njl. njl.) yaye buyasebenza.
9. Isikolo sinobuchule bokujongana nokungaqhubi kakuhle kwabafundi yaye siqalisa izicwangciso zokuphuhlisa/ zokuphucula indlela abafundi abaqhuba ngayo esikolweni.
10. Kwenziwa imisebenzi eyahlukeneyo yasemva kweeyure zokufundisa.

URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

WCED
transform to perform